
ISAZISO SIKARHULUMENTE

ISEBE LEZAMAHLATHI, EZOKULOBA NENDALO

UKUPHUNYEZWA KOMGAQONKQUBO WEELWIMI OQWALWASELWEYO KWAKHONA WESEBE LEZAMAHLATHI, EZOKUKULOBA NENDALO

Mna, Barbara Dallas Creecy, uMphathiswa wezamaHlathi, ezokuLoba neNdalo, ngale ndlela ndipapasha umgaqonkqubo oqwalwaselweyo kwakhona weSebe lezamaHlathi, ezokuLoba neNdalo ngokwecandelo le-4(2)(h) lomThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, 2012 (UmThetho we-12 ka-2012), lifundwa nommiselo we-3(3) weMimiselo yokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni, epapashwe phantsi kweSaziso sikaRhulumente esiyiNombolo R.150 *kwiGazethi kaRhulumente* yama-37398 ngowama-28 Februwari 2014, njengoko kumiselwe kwiShedyuli kude kube ngoku, ukuze uphunyezwe.

UMgaqonkqubo weeLwimi oqwalaselweyo kwakhona unokudawunlowudwa ngamalungu oluntu kwiqhagamshela elilandelayo lewebhusayithi: <https://www.dffe.gov.za/legislation/guidelines..>

BARBARA DALLAS CREECY
UMPHATHISWA WEZAMAHLATHI, EZOKULOBA NENDALO

ISHEDYULI



forestry, fisheries
& the environment

Department:
Forestry, Fisheries and the Environment
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

UMGAQONKQUBO WEELWIMI OQWALWASELWEYO KWAKHONA

WE

SEBE LEZAMAHLATHI, EZOKULOBA NENDALO

IZIQULATHO

1. IMVELAPHI
2. INJONGO
3. UMDA WOKUSETYENZISWA
4. IINKCAZELO
5. INKQUBOSIKHOKELO YOMTHETHO
6. IMITHETHOSISEKO
7. IILWIMI EZISEMTHETHWENI ZE-DFFE
8. UNXIBELELWANO LWANGAPHAKATHI LOMLOMO
9. UNXIBELELWANO LWANGAPHANDLE LOMLOMO
10. UNXIBELELWANO LWANGAPHAKATHI OLUBHALIWEYO
11. UNXIBELELWANO LWANGAPHANDLE OLUBHALIWEYO
12. UNXIBELELWANO LWAMAZWE NGAMAZWE
13. UNXIBELELWANO NABO BANENGXAKI YOKUVA/UKUBONA
14. IMIQONDISO
15. IYUNITHI YEENKONZO ZEELWIMI E-DFFE
16. AMANYE AMAHLAKANI EELWIMI
17. UPAPASHO KUNYE NOFIKELELO KUMGAQONKQUBO WEELWIMI WE-DFFE
18. UKUPHUNYEZWA KOMGAQONKQUBO WEELWIMI
19. INDLELA YEZIKHALAZO
20. UKUQWALASELA KWAKHONA KOMGAQO-NKQUBO
21. UKUPHUNYEZWA KOMGAQONKQUBO WEELWIMI
22. UGUNYAZISO NOMHLA WOKUQALISA

1. IMVELAPHI

- 1.1 Njengendlela yokuphakamisa iilwimi zemveli ebezihlelekile, urhulumente wesizwe ubone kufanelekile ukwazisa umThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemThethweni, ka-2012 (umThetho we-12 ka-2012) (umThetho). UmThetho unyanzela amasebe karhulumente esizwe, amaziko karhulumente kunye namashishni karhulumente ukuba azamele ulingano kwiilwimi ezisemthethweni zaseMzantsi Afrika. UmThetho uqale ukusebenza ngowe-2 Meyi 2013 emva kokuba wavunywa njengomthetho ngulowo wayesakuba nguMongameli Jacob Zuma. Phakathi kwezinye izinto, umThetho ugxininisa ukukhuthazwa kokusetyenziswa kwelwimi ezininzi eMzantsi Afrika ukuqinisekisa ukuphathwa ngokulinganayo kwazo zonke iilwimi ezisemthethweni. Ngoko ke, amasebe esizwe anyanzelekile ukuba aseke iyunithi zeelwimi kwaye aphuhlise imigaqonkqubo yeelwimi.
- 1.2 ISebe lezamaHlathi, ezokuLoba neNdalo (Department of Forestry, Fisheries and the Environment) (DFFE) ligunyaziswe ukuba lenze kusebenze ilungelo labemi kokusingqongileyo okungeyongozi kwimpilo okanye kwimpilontle yabo kunye nokuba nokusingqongileyo okukhuselweyo ukuze kuzuze izizukulwana zangoku kunye nezexesha elizayo. Ukuza kuthi ga ngoku, i-DFFE inika ubunkokeli kulawulo lokusingqongileyo, ulondolozo nokhuselo ngokubhekisele kuzinzo ukuze kuxhamle abantu baseMzantsi Afrika kunye noluntu lwehlabathi ngokubanzi. Ngokungqinelana negunya layo, uMgaqonkqubo weelwimi we-DFFE ufuna ukulawula ukusetyenziswa ngokufanelekileyo kweelwimi, ukuphakanyiswa kwezo lwimi zemveli bezihlelekile, kunye nokusebenza kweYunithi yeeNkonzo zeeLwimi njengesixhobo esisebenzayo sokubeka iliso ekuphunyezweni, ukuhlola okwenziweyo kunye neziphumo, kunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa oko kusenziwa ngokungeniswa kweengxelo ezibhaliweyo eziya kwiBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika, njengoko kufunwa ngumThetho. Ngaphaya koko, uMgaqonkqubo weLwimi uneempembelelo ekungqinelaniseni imisebenzi yeYunithi yeeNkonzo zeeLwimi nezo zimiselwe kumThetho.

2. INJONGO

- 2.1 Injongo yalo Mgaqonkqubo weelwimi kukuseka inkqubo eyamkelekileyo nelinganayo yolwimi lokusebenza kwi-DFFE ngoku –
- 2.1.1 ukukhuthaza ukusetyenziswa ngokulinganayo kunye nokuhlonitshwa kweelwimi ezisemthethweni zeRiphabliki ukuze kuphunyezwe ubulungisa bezentlalo, benkcubeko nobeelwimi ngokungqinelana necandelo lesi-6 loMgaqo-siseko;

- 2.1.2 ukuququzelela ufikelo kulwazi koluntu olwahlukeneyo eMzantsi Afrika oko kusenziwa ngeelwimi abazikhethayo;
- 2.1.3 ukuphakamisa iilwimi zemveli ezo bezihlelekile ngaphambili;
- 2.1.4 ukuchonga iilwimi ezisemthethweni zesebe eziza kusetyenziswa njengendlela yonxibelelwano;
- 2.1.5 ukufaka ukuthotyelwa ngolungiselelo lomgaqonkqubo weelwimi wesebe kunye nomthetho apho;
- 2.1.6 ukukhuthaza ukusetyenziswa kolwimi oluqondekayo xa kunxityelelwana ne-DFFE;
- 2.1.7 ukwenza kusebenze umba wolawulo ngentsebenziswano ngokokuphuhlisa kunye nokuphunyezwa komgaqonkqubo weelwimi ngokukhuthaza ezinye iiofisi zeelwimi zikarhulumente ukuba zabelane kwaye ziphuhlise izakhono zokwenza imisebenzi yeelwimi; kunye
- 2.1.8 nokunika isikhokelo xa kunxityelelwana nabantu abanemingeni yokuva nokubona.

3. UMDA WOKUSETYENZISWA

- 3.1 Lo Mgaqonkqubo weelwimi uza kusebenza –
 - 3.1.1 kubo bonke abasebenzi be-DFFE, iiklayenti zangaphakathi nezangaphandle, kunye namalungu oluntu; kunye
 - 3.1.2 nakuzo zonke inkonzo ezinikwa yi-DFFE kumanqanaba esizwe, ephondo nawommandla.

4. IINKCAZELO

'UmThetho' uthetha umThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni, 2012 (umThetho we-12 ka-2012);

'UMbhalo wamaQhuquvu' uthetha ulwimi olushicilelwe abo bangaboniyo apho imiqondiso imelwe ziipateni zamachokoza aphakanyisiweyo;

'UMgaqo-siseko' uthetha uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996;

'ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi okusebenzayo' kuthetha indlela ethathela ingqalelo ukhetho lolwimi, ukusetyenziswa kunye nobuchule beqela elithile, ngamanye amagama, ayizizo zonke iilwimi ekufuneka zisebenze kumxholo ngamnye;

'ukutolika' kuthetha isenzo sokucacisa intsingiselo yonxibelelwano lomlomo komnye umntu ongakwazi ukuzivakalisa ngolwimi lonxibelelwano oluthile, mhlawumbi ngoguqulo lwegama negama ngomlomo, okanye ukunika intsingiselo yomxholo walo kukho iklayenti;

'ulwimi lwerekhodi' (ekubhekiselwa kulo kananjalo 'njengolwimi lokusebenza') luthetha ulwimi olusemthethweni olukhethelwe ukugcina iirekhodi okanye iinkqubo zokufaka koovimba kunye

namaxwebhu e-DFFE, ngamanye amagama, isiNgesi esiqondekayo kwi-DFFE ukunceda ukuqonda;

'ukutolikela abantu abathetha olunye ulwimi' kuthetha olona hlobo lokutolika lungekho sikweni (ngesiqhelo olwenziwa ngoogxa/amalungu abasebenzi angaphakathi) ukuquzuzelela ukuqondwa phakathi kwamagela amabini okanye ngaphezulu, okunokuquka ukutolika ngoLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika;

'iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki' zithetha iilwimi ezisemthethweni ezili-11 zeRiphabliki yoMzantsi Afrika, ezizezi Sepedi, Xitsonga, Tshivenda, Sesotho, Setswana, isiZulu, isiNdebele, isiXhosa, siSwati, Afrikansi nesiNgesi ngokwecandelo le-6(1) loMgaqo-siseko;

'olunye uhlobo lokutolika' kuthetha ezinye iintlobo zokutolika, ezifana nokutolika ngaxeshanye, leyo isithethi sithethayo ize itoliki ithathe amanqakwana ize itsho oko kuthethwa isisithethi, ukutolika ngomnxeba okanye okokusebeza, okanye umthathi nxaxheba kumsitho osebenza njengetoliki kwimeko leyo kukho omnye umthathi nxaxheba omnye okanye ngaphezulu (kwintlanganiso, kudliwanondlebe, njl. njl) ongaluqondiyo ulwimi olo uqhutywa ngalo umsitho;

'I-PanSALB' ithetha iBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika;

'ipropati' ithetha ipropati ye-DFFE, ezizakhiwo (ngaphakathi nangaphandle), izithuthi kunye nalo naluphi olunye uhlobo lomthombo lowo ingumnini wayo i-DFFE;

'IRiphabliki' ithetha iRiphabliki yoMzantsi Afrika;

'ULwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika' luthetha inkqubo yonxibelelwano esetyenziswa phakathi kwabo kunye nabo abantu abangevayo, enokuthetha ngezandla kunye nembonakalo yobuso nangemiqondiso eMzantsi Afrika; kwaye

'ugququlo' luthetha ukususa umbhalo kolunye ulwimi uwusa kolunye ulwimi, ngombhalo oququlweyo unomyalezo ofanayo nalowo wokuqala.

5. INKQUBOSIKHOKELO YOMTHETHO

- 5.1 UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, ka-1996;
- 5.2 UmThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni, ka-2012 (umThetho we-12 ka-2012);
- 5.3 Imimiselo ngokokusetyenziswa kwecandelo le-13 lomThetho wokuSetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni, 2012;
- 5.4 UmThetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, 1995 (UmThetho wama-59 ka-1995);
- 5.5 UmThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999 (umThetho woku-1 ka-1999);
- 5.6 UmThetho wokuKhuthazwa koFikelelo kuLwazi, 2000 (umThetho wesi-2 ka-2000);

- 5.7 IPhepha leNgcaciso Nkqubo ekuTshintsheni uNikezo lweeNkonzo kuRhulumente, 1997;
- 5.8 UmThetho weeNkcukacha maNani, 1999 (UmThetho wesi-6 ka-1999); kunye
- 5.9 NeMimiselo kwiiNkqubo ezinobuLungisa zoLawulo ekuKhuthazweni komThetho wokuBambelela kwimiThethosiseko xa kuSenziwa iziGqibo zoLawulo, 2000 (UmThetho wesi-3 ka-2000) (IMimiselo ye-PAJA).

6. IMITHETHOSISEKO

- 6.1 UMgankqubo weLwimi we-DFFE usekelwe kwimithethosiseko elandelayo:
- 6.1.1 *Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi okusebenzayo* – ukhetho lweelwimi, ukusetyenziswa nokuqonda uluntu ekujoliswe kulo; ukwamkelwa gabalala kweyantlukwano kwezeelwimi; kunye nokuqondwa kwamalungelo oluntu (amalungelo eelwimi);
- 6.1.2 Ubulungisa basekuhlaleni; kunye
- 6.1.3 nemithethosiseko yeBatho Pele.

7. IILWIMI EZISEMTHETHWENI ZE-DFFE

- 7.1 Ekukhuthazeni ukusetyenziswa kweelwimi zemveli kunye nazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki, kuquka noLwimi lokuThetha ngeZandla, i-DFFE yamkela zonke zoli-11 iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki njengeelwimi zayo ezisemthethweni kwaye, xa kuceliwe, ithathela ingqalelo ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni ezilandelayo, ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2 ngezantsi. I-DFFE iyazinakana iilwimi zamaKhoi, San neNama.

UNdlunkulu (Gauteng)	Zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki
EMpuma Koloni	IAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa
EFreyistata	IAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa neSesotho
KwaZulu-Natal	IAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa, isiZulu neSesotho
ELimpopo	IAfrikansi, isiNgesi, isiNdebele, Sepedi, Tshivenda neXitsonga
EMpumalanga	IAfrikansi, isiNgesi, isiNdebele, isiZulu, Sepedi, Siswati neXitsonga
MNtla Koloni	IAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa, Khoi, Nama, San neSetswana
MNtla Ntshona	IAfrikansi, isiNgesi, Khoi, Nama, San neSetswana
Ntshona Koloni	IAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa

- 7.2 Imiba elandelayo iza kuthathelwa ingqalelo ekufikeleleni kukhetho lo(lwee)lwimi eza kulu(zi)sebenzisa i-DFFE kumxholo/imeko nganye, ngexa ikwahlonipha umoya woMgaqo-siseko:
- 7.2.1 Ukusetyenziswa ngokwejografi;
 - 7.2.2 Ukuba nokwenzeka;
 - 7.2.3 Indleko kunye nokufumaneka kohlahlo lwabiwomali;
 - 7.2.4 Iimeko zommandla; kunye
 - 7.2.5 Nobukho babo banokuwenza umsebenzi.

8. UNXIBELELWANO LWANGAPHAKATHI LOMLOMO

- 8.1 Ukuchotshelwa kweentlanganiso zoluleko ngaphakathi, udliwanondlebe lwemisebenzi kunye nohlolo lokusebenza e-DFFE lunokuqhutywa ngolwimi olukhethwayo olusemthethweni lomsebenzi ngaphandle kwesiNgesi ngokuxhomekeke kumhlathi we- 7.2 ukuba ngaba bonke abasebenzi kunxibelelwano lomlomo bathetha ulwimi olufanayo kwaye kuvunyelwene macala ngabo bonke abathathi nxaxheba ukuba unxibelelwano lomlomo lunokuqhuba ngolwimi olukhethiweyo. Uguqulo lwesiNgesi lwawo nawaphi amaxwebhu okanye urekhodo olumanyelwayo oluvela kunxibelelwano lomlomo olukhankanywe ngentla kufuneka lukhapse amaxwebhu okuqala okanye urekhodo olumanyelwayo njengolwimi lokurekhoda.
- 8.2 Lonke unxibelelwano olusemthethweni lomlomo olukwisebe noluphakathi kwamasebe lwe-DFFE luza kuqhutywa ngesiNgesi esiqondekayo njengolwimi lweerekhodi lwe- DFFE. Inkonzo yokutolikela (*ukutolikela abantu abathetha olunye ulwimi okanye olunye uhlobo lokutolika*) kulwimi olunye okanye ngaphezulu kwitheyi bhile ye-7.1 iza kwenziwa ifumaneke ngesicelo kwaye ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2. Ukuba ngaba bonke abasebenzi kunxibelelwano ngomlomo (umzekelo, intlanganiso yangaphakathi) bathetha ulwimi olufanayo, intlanganiso inokubanjwa ngolo lwimi ukuba ngaba wonke umntu osentlanganisweni uyakuvuma oko, kodwa irekhodi loko kudibana kufuneka libe ngesiNgesi esiqondekayo kunye nalo nalu(zi)phi u(ii)lwimi lwe(ze)mveli olu(ezi)funekayo.

9. UNXIBELELWANO LWANGAPHANDLE LOMLOMO

- 9.1 Iintlanganiso zangaphandle kwi-DFFE zinokuqhutywa ngolwimi olusemthethweni olungaphandle kwesiNgesi ukuba ngaba lulwimi oluqhelekileyo oluqondwa ngabo bonke abathathi nxaxheba kunxibelelwano lomlomo kwaye ukuba bonke abathathi nxaxheba bayaluvuma olo lwimi luqhelekileyo ukuba lusetyenziswe endaweni yesiNgesi. Uguqulo lwesiNgesi lwawo nawaphi amaxwebhu okanye urekhodo olumanyelwayo oluvela kwezi zehlo

zonxibelelwano kufuneka lukhapha amaxwebhu okuqala okanye urekhodo olumanyelwayo njengolwimi lokurekhoda. Iintetho ziza kuqulunqwa kwaye zikhutshwe ngesiNgesi kwaye iitoliki (*ukutolikela abantu abathetha olunye ulwimi okanye olunye uhlobo lokutolika*) ziza kubonelelwa xa kukho imfuneko, ngokuxhomekeke kwabo kujoliswe kubo kwaye ngokuxhomekeke kwiilwimi kwitheiybhile ekumhlathi we-7.1.

- 9.2 Ukuba ngaba alikho igosa kwiziko leminxeba okanye kwiindawo zokwamkela iindwendwe ze-DFFE kunye nangexa leentlanganiso zamaqela nabaphathi ukunceda iiklayenti ze-DFFE ngolwimi olukhethwayo, iitoliki (*ukutolikela abantu abathetha olunye ulwimi okanye olunye uhlobo lokutolika*) ziza kusetyenziswa ukongeza kunxibelelwano olubhaliweyo kunye nokunceda iiklayenti ekubeni zibe nalo ufikelelo kwiinkonzo kunye nolwazi lwesebe, ngokuxhomekeke kwiilwimi kwitheiybhile ekumhlathi wesi-7.1.
- 9.3 I-DFFE inokunika iinkonzo zokutolika (*ukutolikela abantu abathetha olunye ulwimi okanye olunye uhlobo lokutolika*) ukuba ngaba ulwazi olubalulekileyo okanye lwesicwangciso kufuneka ludluliswe ngomlomo kumaqela angabahlali abasebenzisa iilwimi ezininzi kwimisitho karhulumente eququzelelwe yi-DFFE (umzekelo, *izimbizo*), ngokuxhomekeke kwiilwimi kwitheiybhile ekumhlathi wesi-7.1.

10. UNXIBELELWANO LWANGAPHAKATHI OLUBHALIWEYO

- 10.1 Lonke unxibelelwano olusemthethweni olubhaliweyo olukwisebe noluphakathi kwamasebe lwe-DFFE luza kuqhutywa ngesiNgesi esiqondekayo njengolwimi lweerekhodi lwe-DFFE luguqulelwa kulwimi olusemthethweni ekujoliswe kulo olunye okanye ngaphezulu olukwitheiybhile ekumhlathi wesi-7.1 kwaye ngokuxhomekeke kumhlathi wesi-7.2, usenziwa ufumaneke, ngesicelo, kwiintsuku ezili-15 zesicelo esibhaliweyo, kuthathwa amanyathelo afanelekileyo okunceda iiklayenti zayo ngo(ii)lwimi ezilukhethayo ukuze kukhuthazwe impumelelo ekusebenzeni. Onke amaxwebhu angaphakathi esebe ekufuneka afakwe kuvimba, ngezizathu zolawulo olwenziwayo, aza kufumaneka ngesiNgesi njengolwimi lweerekhodi. Unxibelelwano lwangaphakathi olubhaliweyo luquka iingxelo zonyaka, izicwangciso zokusebenza zonyaka, amayilo ezicwangciso, iincwadana neebrosha, iiposta kunye neetshati zeeendonga, iileta zengqesho, iinkqubo zokusebenza eziqhelekileyo, kunye namanqaku eemagazini zangaphakathi.
- 10.2 Iimeko zengqesho, iisetyhula zezicwangciso, ulwazi olubalulekileyo lwemicimbi enxulumene nabasebenzi, ulwazi lwezempilo kunye nolokhuseleko, kunye namanye amaxwebhu ezicwangciso e-DFFE aza kwenziwa afumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni

zeRiphabliki, ngesicelo, ngokuxhomekeke kwitheyibhile ekumhlathi wesi-7.1 kunye nangokuxhomekeke kumhlathi wesi-7.2.

11. UNXIBELELWANO LWANGAPHANDLE OLUBHALIWEYO

- 11.1 Lonke unxibelelwano lwangaphandle olusemthethweni olujongene noluntu luza kuqhutywa ngesiNgesi esiqondekayo okanye ulwimi olukhethwayo lomamkeli. Yonke imbalelwano yangaphandle ye-DFFE inokuguqulelwa kulwimi olo unxibelelwano lokuqala lufunyenwe ngalo, kwiintsuku ezili-15 ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2, ngaphandle kokuba uguqulo lwesiNgesi oluqondekayo luhamba nempendulo kwaye lubekwe kuvimba ngeenjongo zerekhodi kunye nenkqubo zomthetho ezinokuba khona ukuze kuququzelelwe ukuqonda kunye nokuphucula unxibelelwano. Unxibelelwano olubhaliweyo lwangaphandle luquka iileta eziya kuluntu; amaphephandaba kunye nezongezo zeemagazini; iincwadana neebrosha; iiposta neentshati zeendonga; upapasho lwamaphephandaba neefom zamaCandelo e-DFFE eziza kupapashelwa ukuba zisetyenziswe luluntu kwiwebhusayithi ye-DFFE. Ezi fom zinokuguqulwa, ngesicelo, ngeenjongo zokuqonda, kodwa iifomu ezigcwalisiweyo ziza kuguqulwa zibuyiselwe kwisiNgesi ngeenjongo zokugcina iirekhodi. Iingxelo ezisemthethweni ezinikwa abacholi beendaba ziza kuqulunqwa kwaye zikhutshwe ngesiNgesi. Izicwangcisoqhinga, iinkqubo zikhokelo, imigaqonkqubo, izaziso zikarhulumente, amaphepha ogayo zimvo, amaphepha engcaciso nkqubo ayilwayo, imithetho eyilwayo nemimiselo nezikhokelo ziza kupapashwa ukuze uluntu lunike izimvo ngesiNgesi kunye nangobuncinane bolwimi olunye olulolunye olusemthethweni *kwiGazethi kaRhulumente* ngokungqinelana nommiselo we-4(2)(b)(iv)(aa) weMimiselo ye-PAJA, 2020, ngokuxhomekeke kwitheyibhile ekumhlathi we-7.1 nangokuxhomekeke kumhlathi we-7.2, kwaye msinyane nje ukuba iphaneli yabasebenzi bexeshana beelwimi ifunyanwe.
- 11.2 I-DFFE, ngesicelo okanye xa kukho imfuno, inokunika itoliki ezitolikela abo bathetha iilwimi ezininzi ukuba banike unxibelelwano olubhaliweyo kwaye bancede iiklayenti ekufumaneni ufikelelo kwiinkonzo kunye nakulwazi lwesebe ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2. Iitoliki ezitolikela amaqela angalwaziyo ulwimi ziza kusetyenziselwa ukutolikela amaqela angalwaziyo ulwimi kumaziko atsalelwa iminxeba, kwiindawo zokwamkela iindwendwe kunye nangexa leentlanganiso zabasebenzi nomphathi ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2.
- 11.3 Onke amaxwebhu angaphandle esebe ekufuneka afakwe kuvimba, ngezizathu zolawulo olwenziwayo, aza kufumaneka ngesiNgesi njengolwimi lwerekhodi.

12. UNXIBELELWANO LWAMAZWE NGAMAZWE

- 12.1 Unxibelelwano lwamazwe ngamazwe luza kuba ngesiNgesi okanye ngolwimi olukhethwayo lwelo lizwe libandakanyekayo. Nanini na isingeniso esibhaliweyo okanye naluphi na olunye uxwebhu olungolwimi lwangaphandle, iinkonzo zoguqulo kufuneka zisetyenziswe ukuphendula kolo lwimi lubandakanyekayo ngokuxhomekeke kumhlathi we-7.2.

13. UNXIBELELWANO NABO BANENGXAKI YOKUVA/UKUBONA

- 13.1 IYunithi yeeNkonzo zeeLwimi ye-DFFE inokuququzelela utoliko loLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika ukuba nje i-DFFE yaziswe kwiintsuku ezisixhenxe eziphambi komhla ngqo wenkonzo kunye nokuguqulwa kombhalo ube ngumbhalo omkhulu, uMbhalo wamaQhuqhuva okanye okunye okunokumanyelwa xa kuceliwe kwiintsuku ezintathu ukuya kwezisixhenxe ukusukela kusuku olo sifunyenwe ngalo isicelo esibhaliweyo. Oku kusebenza kunxibelelwano lwangaphakathi kunye nolwangaphandle.

14. IMIQONDISO

- 14.1 Imiqondiso esemthethweni (efakwe isigxina okanye engafakwanga isigxina), ngaphakathi kunye nangaphandle kwepropati ye-DFFE inokuboniswa ngeelwimi ezikhonjisiweyo kwitheyibhile ekumhlathi we-7.1 kunye nangokuxhomekeke kumhlathi we-7.2.
- 14.2 Izicelo kufuneka zingeniswe kwiCandelwana eliyiNtloko: uLawulo lweziBonelelo kwiCandelo: liNkonzo zoLawulo lweQumrhu ukuze zivunywe.

15. IYUNITHI YEENKONZO ZEELWIMI E-DFFE

- 15.1 IYunithi yeeNkonzo zeeLwimi ye-DFFE iza kongamela ukuphunyezwa kuMgaqonkqubo weeLwimi ngoku –
- 15.1.1 ukuphuhlisa isicwangciso sokuphunyezwa koMgaqonkqubo weeLwimi ukuqhuba nokubeka iliso kwinkqubo kwi-DFFE xa iyonke, kunye nokuqinisekisa ukuthotyelwa;
- 15.1.2 ukuququzelela nokulungelelanisa ukuphunyezwa komgaqonkqubo ngokunika uguqulo, ukuhlela, ukutolika, uqeqesho kwiilwimi kunye neenkonzo zophuhliso lwesigama;
- 15.1.3 ukuqhuba uphando lwarhoqo lweelwimi kunye nophicotho ukuhlola ukufaneleka komgaqonkqubo kunye nemisebenzi ekhoyo ye-DFFE, kunye nokwenza iziphakamiso zokuphucula;
- 15.1.4 ukwenza kuqondwe uMgaqonkqubo weeLwimi ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwawo;
- 15.1.5 ukunika ingxelo kumaqumrhu alawulayo abandakanyekayo (ngamanye amagama, i-PanSALB) ngenkqubela ekuphunyezweni komgaqonkqubo ngekota;

- 15.1.6 ukusebenza ngokusondeleyo neSebe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko, ne-PanSALB esekwe ngokomThetho weBhodi yeeLwimi yoMzantsi Afrika, 1995 (UmThetho wama-59 ka-1995), ngokunjalo namanye amaqumrhu eelwimi, amaziko esizwe, amaqumrhu kunye nezinye iindlela zokukhuthaza ukuphathwa okulinganayo kweelwimi ezisemthethweni zeRiphabliki;
- 15.1.7 ukwenza kuqondwe phakathi kwamagosa e-DFFE kunye noluntu ngokubanzi ngamalungelo abo eelwimi; kunye
- 15.1.8 nokwenza imisebenzi yayo ngokuphakamisa ezi lwimi bezihlelelekile ngaphambili.

16. AMANYE AMAHLAKANI EELWIMI

- 16.1 IYunithi yeeNkonzo zeelwimi iza kusebenza ngokuhlanganyelana namanye amaziko eelwimi, afana nezinye iiyunithi zeelwimi kurhulumente, i-PanSALB, amaziko emfundo ephakamileyo, kunye neQumrhu leeLwimi zangaPhandle leSizwe ukubeka iliso ekuphunyezweni koMgaqonkqubo weelwimi kunye nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni zeRiphabliki kwi-DFFE ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezininzi, uphando lweelwimi, uqeqesho nophuhliso.

17. UPAPASHO KUNYE NOFIKELELO KUMGAQONKQUBO WEELWIMI WE-DFFE

- 17.1 UMgaqonkqubo weelwimi uza kufakwa kwigazethi ngesiNgesi njengolwimi lwerekhodi lwe-DFFE.
- 17.2 UMgaqonkqubo weelwimi uza kufumaneka ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki kwiwebhusayithi ye-DFFE ukuze kufikelelwe lula kuwo ngokulula luluntu ngokubanzi msinyane nje ukuba iphaneli yabasebenzi ngeelwimi bexeshana ifunyenwe. Ikopi yephepha yoMgaqonkqubo weelwimi iza kwenziwa ifumaneke kananjalo yiYunithi yeeNkonzo zeelwimi ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni zeRiphabliki ngesicelo.
- 17.3 Iikopi ze-eletroniki zinokucelwa kananjalo ngeimeyile ku-languageservices@dffe.gov.za okanye ngomnxeba kwiZiko lemiNxeba ku **+27 86 111 2468**.
- 17.4 UMgaqonkqubo weelwimi uza kufumaneka ngoMbhalo wamaQhuqhuva ngokuthumela isicelo ngeimeyile ku-languageservices@dffe.gov.za okanye ngokutsalela umnxeba iZiko lemiNxeba ku **+27 86 111 2468**.

18. UKUPHUNYEZWA KOMGAQONKQUBO WEELWIMI

- 18.1 I-DFFE iza kuphumeza uMgaqonkqubo weelwimi ngokuqhubekayo de uqwalwaselwe kwakhona, njengoko kuxeliwe kumhlathi wama-20.

19. INDLELA YEZIKHALAZO

19.1 Nawuphi na umntu ochatshazelwe kakubi kukusetyenziswa koMgaqonkqubo weelwimi unokufaka isikhalazo kwiOfisi yoMlawuli-Jikelele we-DFFE kwidilesi elandelayo:

Ngeposi: The Director-General: Department of Forestry, Fisheries and the Environment, Private Bag X447, Pretoria, 0001

Ngesandla: Environment House, 473 Steve Biko Road, Arcadia, 0083

19.2 Isikhalazo kufuneka –

19.2.1 sibe sibhaliwe;

19.2.2 sifakwe kwiinyanga ezintathu zokubela kwesikhalazo;

19.2.3 sixele igama, idilesi kunye nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isikhalazo; kwaye

19.2.4 sinike inkcazo epheleleyo necazululiweyo yesikhalazo.

19.3 Umlawuli-Jikelele unokucela umntu ofaka isikhalazo ukuba anike naluphi ulwazi olongezelelweyo oluyimfuneko ukuthathela ingqalelo isikhalazo; kwaye aye entlanganisweni ngenjongo yokubuza ngomlomo isikhalazo eso.

19.4 Umlawuli-Jikelele uza kusithathela ingqalelo isikhalazo kwaye aphenyule ngokubhaliweyo zingedlulanga iinyanga ezintathu ezisemva kokuba sifakiwe isikhalazo, esazisa umfaki sikhalazo ngesigqibo.

19.5 Umfaki sikhalazo unokufaka isibheni kuMphathiswa wezamaHlathi, ezokuLoba neNdalo ukuba ngaba akoniselikanga ngesigqibo soMlawuli-Jikelele ngokubhaliweyo kwinyanga enye yesigqibo esixelwe kumhlathi we-19.4, exela igama, idilesi nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isibheni kwaye enika nenkcazo ecazululiweyo yesikhalazo.

20. UKUQWALASELA KWAKHONA KOMGAQO-NKQUBO

20.1 UMgaqonkqubo weelwimi uza kuqwalwaselwa kwakhona qho kwiminyaka emihlanu okanye xa kuvela imfuno.

21. UKUPHUNYEZWA KOMGAQONKQUBO WEELWIMI

21.1 I-DFFE inokutshintsha uMgaqonkqubo ngokusekelwe kwimiba elandelayo:

21.1.1 Imingeni yokuphumeza evela kwimithethosiseko yomgaqonkqubo;

21.1.2 Imibuzo yophicotho-ncwadi evela rhoqo ekhomba ukungaphumezi kunye nokungasebenzi kwamanye amatyala omgaqonkqubo;

21.1.3 Ukutshintshwa komthetho wesizwe;

21.1.4 Igunya elivela kuGunyaziwe weSigqeba onoxanduva lolawulo lweelwimi kurhulumente wesizwe; okanye

21.1.5 Xa kuyimfuneko, ukuze lenze kusebenze lo mThetho.

22. UGUNYAZISO NOMHLA WOKUQALISA

Oku kwenziwa kwaye kusayinwe e _____ ngowe _____ wosuku lwe
_____ 2022

ISEBE	IGAMA LOMMELI	USAYINO
LEMAHLATHI, EZOKULOBA NENDALO	UMLAWULI JIKELELE:	

UMhla wokuQala kokuSebenza: _____ / _____ 2022